URhulumente
weNtshona Koloni

ISebe leMfundo leNtshona Koloni
**Zeenat Salie**
ICandelo loLawulo lwaBasebenzi ngoBuchule
Zeenat.Salie@westerncape.gov.za | 021 467 2092

Inombolo yefayili: 3/3/1/1/1
Isalathiso: 20230317-2663

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo lwaBasebenzi ngoBuchule: 0006/2023

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kumaSekela Balawuli, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam kwiZithili, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kuBafundi kwiZithili, kwiiNqununu, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBasebenzi beNkonzo kaRhulumente nakooTitshala

**Isihloko: Ukuhanjiswa kwefom yesicelo i-*People Management Practices System (PMPS) application form***

1. Ifom yesicelo se-*PMPS* ifakelwe izilungiso yaye ihlaziyiwe ukwenzela ukuba kwaziswe abasebenzisi bayo ngokusetyenziswa kweenkcukacha zomntu *(personal information*) zabo ngokwemiqathango yoMthetho i-*Protection of Personal Information Act*, 2013 ( Act 4 of 2013).

2. ICandelo loLawulo lweMicimbi yezeMali linoxanduva lokubhalisa iiPeyimasta *(Pay Masters)*.

3. Ifom yokwenza isicelo ikwavumela ukubhaliswa kweePeyimasta. Kulungiselelwe nokuba kuhlaziywe iinkcukacha zoqhagamshelwano zeyunithi enoxanduva lokubhalisa iiPeyimasta okanye kuhlaziywe iinkcukacha zeePeyimasta zangoku. Imibuzo malunga neePeyimasta, imivuzo, iipeyisiliphu inako ukudluliselwa ngqo apha WCED.Payslips@westerncape.gov.za.

4. Zonke iifom zesicelo kufuneka zizaliswe ngokupheleleyo yaye zithunyelwe nge-imeyili kwi-ofisi yezoncedo i-*PMPS* helpdesk apha PMPS.PMPS@westerncape.gov.za. Azisayi kwamkelwa iifom zesicelo ezingasayinwanga okanye ezingazaliswanga ngokupheleleyo.

5. Ifom yesicelo iyafumaneka nayo ukwenzela ukuba ikhutshelwe kwisikrini i-*PMPS login screen*.

6. Kucelwa abasebenzi bakwaNdlunkulu, kwii-ofisi zezithili nasezikolweni ukuba basebenzise ifom yesicelo entsha ukuqala ngowo- 01 Apreli 2023.

7. Kucelwa nazise okule ngcaciso imfutshane bonke abasebenzi abaphantsi kolawulo lwenu ukuze bakuthathele ingqalelo.

**ISAYINWE:** NGU-LJ ELY
**USEKELA MLAWULI-JIKELELE WEENKONZO ZEZIKO**
**UMHLA:** 2023-04-04